

Inombolo yefayili.: 2/9/4/3

Isalathiso: 20231130-286

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwabiwo noSetyenziso-mali: 0006/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli, kwiiNtloko zamacandelo namacandelwana (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili)

Isihloko: Ishedyuli yeentlanganiso ze-ITOPSCOM

1. Ikomiti i-Western Cape Education Department, Information and Communications Technology (ICT) Operational Committee (ITOPSCOM) yikomiti eyongezelelweyo ye-ITSTEERCOM ehlangana qho ngenyanga, ngokwetheyibhile elapha ngezantsi, ukuthatha isigqibo ngezicelo zezixhobo eziqhelekileyo ze-ICT.
2. Abaphathi abajongene nestokhwe mabazalise ifom yesicelo i-ITOPSCOM form (isiHlomelo A) evunyiweyo xa kusenziwa isicelo seempahla neenkondo ze-ICT. Makungeniswe isicelo esizaliswe ngokupheleleyo, saza sasayinwa esiyintsusa (original application) kwi-Ofisi kaNobhala wekomiti i-ITOPSCOM, kwa-12th Floor, 1 North Wharf Square, Cape Town. Zonke izicelo mazifike kwi-ofisi kaNobhala ubuncinane kwiveki enye phambi kokuba iqhubeke intlanganiso. Sakuba singeniswe, isicelo/umenzi-sicelo uya kufumana ikopi yesicelo esivunyiweyo ukwenzela ukuba siqwalaselwe ngokungaphezulu okanye i-imeyili ebachazelayo ukuba isicelo sikhatywe.
3. Ikomiti i-ITOPSCOM iya kwenza isigqibo ngokuphathelele kwii-ayithem eziqhelekileyo ze-ICT kuphela. Uluhlu oluqhelekileyo (isiHlomelo B) luhlaziywa ngokutsha yi-DotP:Ce-I rhoqo yaye ingcaciso ehlaziywe ngokutsha iya kufumaneka apha <https://mygov.westerncape.gov.za/services/it-policies-documents-and-forms>. Zonke izicelo ezingezizo eziqhelekileyo ziya kuthunyelwa neengcebiso ezimalunga nazo kwikomiti i-ITSTEERCOM.
4. Isicelo sezixhobo ze-ICT eziza kutshintshwa masihanjiswe nengxelo eyi-technical report ecacisa isizathu sesicelo sokutshintshwa kwesixhobo eso. Kwiimeko apho izixhobo ze-ICT zithengelwa abaqeshwa abatsha, makuchazwe izizathu zokuchaza ukuba ngaba kukho izixhobo ze-ICT ebezinikwe nabani na okwisikhundla esithile phambi kokuqeshwa kwakhe yena yaye kuya kwenzeka ntoni na kwizixhobo ze-ICT.

5. Kucelwa niqinisekise ukuba ifom yesicelo i-ITOPSCOM ichaza ukuba ngaba izixhobo ze-ICT ziya kuphinda zabelwe omnye umntu okanye ziya kuchithwa na, yaye ngokwemeko leyo, iCandelo loLawulo loKuthengwa kweMpahla neeNkonzo malaziswe ukwenzela ukuba lenze utshintsho kwingcaciso ekwirejista yee-asethi.
6. Ishedyuli yeentlanganiso ze-ITOPSCOM zekhalenda yonyaka ka-2024 nemihla yokungeniswa kwezicelo imi ngolu hlobo lulandelayo:

UMHLA WENTLANGANISO	IXESHA	UMHLA WOKUVALA WOKUNGENISWA KWEZICELO
31 Januwari 2024	09:00 – 12:00	24 Januwari 2024
28 Febuwari 2024	09:00 – 12:00	21 Febuwari 2024
27 Matshi 2024	09:00 – 12:00	20 Matshi 2024
24 Apreli 2024	09:00 – 12:00	17 Apreli 2024
29 Meyi 2024	09:00 – 12:00	22 Meyi 2024
26 Juni 2024	09:00 – 12:00	19 Juni 2024
31 Julayi 2024	09:00 – 12:00	24 Julayi 2024
28 Agasti 2024	09:00 – 12:00	21 Agasti 2024
25 Septemba 2024	09:00 – 12:00	18 Septemba 2024
30 Oktobha 2024	09:00 – 12:00	23 Oktobha 2024
27 Novemba 2024	09:00 – 12:00	20 Novemba 2024

7. Yonke imibuzo engeshedyuli yeentlanganiso ze-ITOPSCOM ingathunyelwa nge-imeyili apha: Ashley.Jacobs@westerncape.gov.za okanye kuSekela Mlawuli wezoQuquzelelo lwe-ICT (kwiCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso) ku-021 467 9322.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO

UMHLA: 2023-12-12